



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

## **AMABANGA APHAKATHI**

**IBANGA LESI 6**

**EYENKANGA 2018**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2**

**AMANQAKU: 40**

**IXESHA: 1½ iyure**

---

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

---

**IMIYALELO**

1. Eli phepha linamacandelo amabini
  - (a) Icandelo A – 25 Amanqaku ewonke
    - (i) Umbuzo 1 – Isicatshulwa - Inoveli – 10 Amanqaku
    - (ii) Umbuzo 2 – Itekisi enika ulwazi –Itheyibhile – 5 Amanqaku
    - (ii) Umbuzo 2 – Umbongo – 10 Amanqaku
  - (b) Icandelo B –  $\frac{30}{2} = 15$ 
    - (i) Umbuzo 4- Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi  $\frac{30}{2} = 15$
2. Sebenzisa eli phepha ukuphendula imibuzo.
3. Nombola ngale ndlela kunonjolwe ngayo
4. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
5. Uviwo luqala kwiphepha elilandelayo.

**ICANDELO A:**


**UMBUZO 1**

**ISICATSHULWA: INOVELI**

**Bhota, sikolo, nawe khaya**



Kwisithili saseQonce, eXesi, kumlambo ekuthiwa yiNjwaxa, phambi komzi omkhulu, omhle, kwakuhleli phantsi komthi uMnumzana uNtobeko, kunye nenkosikazi yakhe. Babezolile kubonakala ukuba ikho eza kuvela. Phambi kwawo kwakukho inkitha yeenkuku, iibhokhwe, iigusha, amahashe neenkomo. UNtobeko wayethe ncothu egadeni, amagxa amakhulu nentloko ethe qwa-a. Wayelungile, eliciko eliphambili embusweni wesiGqunukhwebe. Ubudala bakhe babuphakathi kwamashumi amahlanu namathandathu. Wazeka intombi yasebaThenjini, inzwakazi enkulu, eneenwele ezimnyama ngathi bubusuku. Babenabantwana ababini kuphela-uSisa, owathi wabhubha esemncinane, noNomsa, lo balindele ukuvela kwakhe enkalweni. UNomsa wayefunda esinaleni saseMthwaku, eQonce, iminyaka emithathu.



Yade yavela ikari ebiye kumphuthuma. Wehla uNomsa ezele luvuyo, etyebile, emhle. Kwangenwa endlwini yokutyela, kwancinwa iindaba kuNomsa ngenkqubo yakhe eluviweni, kwabonwa namaphepha okuziphatha. Abazali bakhe banethemba lokuba uya kuphumelela.

Latshona ilanga zithe saa iindaba zokuba uNomsa, inzwakazi efuze unina ngeezonwele zinde zimnyama. Walinda uNomsa iingxelo zokuphumelela kwakhe, nempendulo yesicelo somsebenzi, wada ngenye imini wayifumana. Wayivula ngobudyududyudu engxamele okungaphakathi. Waba nemincili nemivuyo akuba eyivulile, wafumanisa ukuba usifumene isikolo eRichmond, kanti waphumelela kudidi oluphambili esikolweni. Bathe bakugqiba ukubulela enkosini abazali yathi inkosikazi, “Yise kaSisa, uyakholwa ukuba uNomsa aye kude kangaka?”. “Ewe, kuba ngokumka ekhaya uya kuba nokufunda ngezinto zelizwe.” UNomsa walungisa iimpahla nemiphako kunye nonina ewaphinda-phinda amazwi athi, “Bhota sikolo, nawe khaya”. Ngengomso kwabotshwa amahashe yanduluka loo ntokazi ishiya isihlwele sabantu ababeze kubulisa besithi, “Ndlela ntle”

(Ithathwe kwinoveli uNomsa ngu G.B Sinxo)

1. Zoba isangqa kunobumba onempendulo echanekileyo.

1.1 Liqhubeka phi ibali?

- A EMonti.
- B ELusikisiki.
- C EQoqodala.
- D EQonce.

(1)

- 1.2 Ngubani umlinganiswa oyintloko kweli bali?
- A NguNtobeko.
  - B NguSisa.
  - C NguNomsa.
  - D NguThemba. (1)
- 1.3 Khawuchaze umzi wakuloNomsa.
- A Wawumkhulu, umhle.
  - B Wawucocekile, umkhulu.
  - C Wawunezindlu ezininzi.
  - D Wawujikelezwe yimithi. (1)
- 1.4 Nika into ababefana ngayo uNomsa nonina.
- A Izidlele.
  - B linwele.
  - C Impumlo.
  - D lindlebe. (1)
- 1.5 Ucinga ukuba uNomsa wayeziva njani ngethuba elindele iziphumo?
- 
- 
- (2)

- 1.6 Balekisa amehlo kumhlathi wesithathu, uchaze imvakalelo kanina ngokuya kukaNomsa eRichmond.

---

---

(2)

- 1.7 Nika intsingiselo yala magama:

(a) Echwayitile.

---

(1)

(b) Isihlwele sabantu.

---

(1)

**AMANQAKU [10]**

**UMBUZO 2****Itekisi enika ulwazi - Itheyibhile**

<b>Amaxesha okuhamba kukaloliwe weMetrorail ukususela ngomhla we-10/04/2006</b>										
<b>Ukusuka eKapa ukuya ePinelands</b>										
<b>UMvulo ukuya ngoLwesihlanu</b>										
<b>Inombolo yeplatfom eKapa</b>	<b>19</b>	<b>16</b>	<b>17</b>	<b>20</b>	<b>17</b>	<b>18</b>	<b>21</b>	<b>19</b>	<b>17</b>	<b>20</b>
<b>Inombolo kaloliwe</b>	<b>9403</b>	<b>9503</b>	<b>9003</b>	<b>9405</b>	<b>9505</b>	<b>9005</b>	<b>9407</b>	<b>9007</b>	<b>9507</b>	<b>9009</b>
<b>EKAPA</b>	<b>4:40</b>	<b>4:55</b>	<b>5:05</b>	<b>5:35</b>	<b>5:37</b>	<b>5:45</b>	<b>6:05</b>	<b>6:08</b>	<b>6:18</b>	<b>6:25</b>
<b>EWOODSTOCK</b>	<b>.....</b>	<b>4:58</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>5:40</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>6:21</b>	<b>.....</b>
<b>ESALT RIVER</b>	<b>.....</b>	<b>5:01</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>5:43</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>6:24</b>	<b>.....</b>
<b>EKOEBERG RD</b>	<b>.....</b>	<b>5:03</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>5:45</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>6:26</b>	<b>....</b>
<b>EMAITLAND</b>	<b>....</b>	<b>5:06</b>	<b>....</b>	<b>.....</b>	<b>5:48</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>6:29</b>	<b>....</b>
<b>KWANDABENI</b>	<b>.....</b>	<b>5:09</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>5:51</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>6:32</b>	<b>.....</b>
<b>EPINELANDS</b>	<b>.....</b>	<b>5:11</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>5:53</b>	<b>.....</b>	<b>.....</b>	<b>....</b>	<b>6:34</b>	<b>.....</b>

2.1 Uloliwe wokuqala uphuma ngabani eKapa?

(1)

2.2 Ithini inombolo yaloo loliwe?

(1)

2.3 Uloliwe ongunombolo 9507 uphuma eKapa ngemizuzu eli-18 emva kwentsimbi yesithandathu. Ingaba ufika nini ePinelands?

(1)

- 2.4 Xa umbane ungekho, oololiwe abakwazi ukuhamba, ingaba ziziphi ezinye Izithuthi ezinako ukuthutha abasebenzi. Nika zibe mbini.

---

(2)

**AMANQAKU [5]**

**UMBUZO 3**

**UMBONGO**

- 3.1 Funda lo mbongo, ze uphendule imibuzo engezantsi.

**Uxolo**

- |    |   |
|----|---|
| 1  | Uxolo malube nathi sonke,                 |
| 2  | Ezinkathazweni zethu zonke,               |
| 3  | Masivane ngamaxesha onke.                 |
| 4  | Sibe yimbumba yamanyama.                  |
| 5  | Uxolo lufuna intliziyo ethandayo,         |
| 6  | Uxolo lufuna abantu abamkelayo.           |
| 7  | Mawethu! Lahlani inzondo namashwa aphele, |
| 8  | Mawethu! Lahlani umona iingxaki ziphele.  |
| 9  | Yamkelani izizwe zehlabathi eAfrika,      |
| 10 | Babukeni abantwana beAfrika eAfrika.      |
| 11 | Busani ngoxolo, philani ngemvano,         |
| 12 | Khonzani iAfrika nikhonze uluntu lwayo.   |

- 3.1.1 Sithini isihloko salo mbongo?

---

(1)

- 3.1.2 Wakhiwe njani lo mbongo?

---

(1)

- 3.1.3 Nika izinto zibe mbini ekufuneka sizilahle.

---



---

(2)

- 3.1.4 Ucinga ukuba siyintoni isiphumo sokungazamkeli ezinye izizwe?

---



---

(2)



3.1.5 Ithini imfundiso yombhali kulo mbongo?

---

---

(2)

3.1.6 Nika amagama abonisa imvano-siphelo kwistanza sokuqala.

---

---

(2)

**AMANQAKU [10]**

**CANDELO B****UMBUZO 4****IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

4.1 Funda lo mhlathana uze uphendule imibuzo engezantsi.

ULizo wayeyinkwenkwana eyayithanda kakhulu ukudlala nabahlobo bayo. Ngeempela-veki wayevuka ngenj'ixukuxa aqokelele zonke izinto zakhe zokudlala ezazininzi okweempuku ehlotyeni. Unina wayesoloko emxelela ukuba oyena mhlobo wakhe amthandayo nguSisa. USisa lo wayeyigusha ukulunga engafani nabanye ababesoloko befuna ukunqandwa lonke ixesha. Aba bahlobo bakaLizo babefika kwakusasa bephethe ezabo izinto zokudlala. Ezo zinto zokudlala ke ziya kuthi saa emva kokuba begqibile ukudlala ngazo. Babefana nqwa neenjana ezincinci ezimoshayo ezisoloko zifuna ukugadwa lonke ixesha.

4.1.1 Chonga izibizo ezibini ezikwisinciphiso kulo mhlathana ungasentla.

---



---

(2)

4.1.2 Kwizibizo ozichonge ku 4.1.1, nika izandiso zazo.

---



---

(2)

4.1.3 Khupha izimaphambili kwezi zibizo.

(a) USisa.

---

(1)

(b) Abahlobo

---

(1)

4.1.4 Xela isihlomelo kwesi sivakalisi, uze unike nodidi lwaso. Aba bahlobo babefika kwakusasa bephethe ezabo izinto zokudlala.

---

(2)

4.1.5 Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela izimelabizo ezifanelekileyo.

(a) \_\_\_\_\_ wayesoloko emxelela ukuba oyena mhlobo amthandayo nguSisa. (1)

(b) \_\_\_\_\_ babefika bephethe izinto zabo zokudlala. (1)

4.1.6 Nika izichasi zala magama.

(a) Amthandayo. (1)

---

(b) Umhlobo (1)

---

4.1.7 Yakha izivakalisi ngezi ziphawuli zilandelayo.

(a) Zazininzi. (2)

---

(b) Ezincinci. (2)

---

4.1.8 Dibanisa ezi zivakalisi ngokukhetha kwizihlanganisi ezingezantsi:

kuba, kodwa

(a) ULizo wayethanda ukudlala nabahlobo bakhe. Abahlobo babefika kusasa.

---

(2)

---

(b) Unina kaLizo wayemthanda uSisa. USisa wayeyigusha ukulunga.

---

(2)

---

4.1.9 Guqula esi sivakalisi sibe kula maxesha ezenzi alandelayo.

Abahlobo babevuka ngenj'ixukuxa.

(a) Ixesha elidlulileyo.

---

(2)

---

(b) Ixesha elizayo.

---

---

(2)

4.1.10 Lungisa iziphene kulo mhlathana ungezantsi ngokufakela iziphumlisi ezifanelekileyo.

unina wayesoloko emxelela ukuba oyena mhlobo amthandayo  
ngusisa kuba wayeyigusha ngokulunga abahlobo bakaLizo babefika  
kusasa bephethe ezabo izinto zokudlala

(6)

---

---

---

**AMANQAKU  $\left(\frac{30}{2}\right) =$  15**

**AMANQAKU EWONKE: 40**